## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCISO ZAMACEBO

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala weSithili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

## ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

## ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO

Ukutyhileka • Ukubonakala Ngengxelo • Ukusabela Izimvo • Ukuzimisela nokunyaniseka



# ISIQULATHISO


| | |
|---|---|
| Ilizwi loMhleli | 04 |
| Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu | 05 |
| Amazwi kaMeneja kaMasipala | 07 |
| Umthetho ugunyazisa isiThili ukuhlinzeka ngamanzi akwizinga elihle | 08 |
| Umyalezo wemibhiyozo yokuphela konyaka esuka kOhloniphekileyo usodolophu wesiThili uCeba Z. D. Nxumalo | 09 |
| UMasipala waseHarry Gwala iBhunga Elikhulu | 10 |
| Usodolophu wesiThili iHarry Gwala unikezela nge-uniform kwizikolo zasezilalini | 12 |
| UMphathiswa Khoza umemelela isiphelo sokutyholwa kwabantu abadala ngobugqwirha | 14 |
| UMphathiswa Zuma uqinisekisa amanina ngendawo kwezolimo | 16 |
| Imibhiyozo Yosuku Lwamagugu | 18 |
| Ingxelo yeNkqubo yeProjekthi | 20 |
| Usodolophu weHarry Gwala, uceba Nxumalo kwiGagasi FM njengenxalenye yokukhuthaza ukunyaniseka | 25 |
| Utyelelo lwezicwangciso zophuhliso zentlanganyela (IDP) | 26 |
| UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingatha Imbizo karhulumente wanikezela ngezindlu kuluntu lwaseKromhoek | 28 |
| Izicwangciso eziphambili zenkcitho zenkxaso-mali kamasipala | 29 |
| UMasipala wesiThili iHarry Gwala wamnkela izithuthi ezintsha ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo | 30 |
| UMphathiswa Frazer uvule ngokusesikweni i Xoloxolo Primary School ephucukileyo | 31 |
| Izehlo zeemvula ezimandla neendudumo | 32 |
| Inyanga Yeenkonzo Zoluntu neVeki Yeenkonzo zeThusong Zonyaka kwisiThili iHarry Gwala | 33 |
| Impilo yabasebenzi ngezemidlalo | 34 |

# Asiphezi ngohanjiso lweenkonzo, nangona ixesha lokubhiyozela ukuphela konyaka lisemnyango



**UMnu uNdabezitha Tenza**
Umphathi Wezokuxhumana

NDIVUMELENI ndinamkele kushicilelo lwesibini lonyaka-mali wama2023/2024. Kwakhona, siyathemba ukuba nizaku lonwabela. Sithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kuni ngokunyaniseka kwenu kolu shicilelo. Okwethu kulula, ukwabelana ngolwazi noluntu nabo bonke abahlawuli beenkonzo zika masipala. Ushicilelo lweendaba zethu lwenziwa rhoqo ngekota, ngeenjongo zokunika ingxelo kwinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo kunye neminye imiba eyoyamene nokusebenza okungundoqo komasipala.

Ngokubambisasna nabahlawuli abohlukene beenkonzo zikamasipala, sikwaze ukusungula iinkqubo ezinintsi, ukusuka kwezase kuhlaleni ukuya kwezorhulumente welizwe. Nanjengoko kusondele imibhiyozo yokuphela konyaka, nokubuyela ezikolweni kwEyoMqungu, yinto eyaziwayo ukuba ezinye iintsapho ziyasokola. Esi sisizathu esenze ukuba usodolophu Z. Nxumalo asungule inkqubo yokunikezela nge-uniform yezikolo kwizikolo zasezilalini kwingingqi yaseHarry Gwala. Izikolo ezimbalwa ezixhamlileyo ziquka iNomzamo Primary, Summerfield Primary, Ngcesheni kunye neSangcwaba Primary. Oosomashishini basekuhlaleni nabo bafake isandla ukwenza le nkqubo ibe yimpumelelo. Isebe lezokuhlaliswa koluntu nalo lenze igalelo elikhulu ukutshintsha ubomi babantu baseKromhoek, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu, nalapho benikezele ngezindlu ezintsha kraca ezingamashumi amathandathu kubaxhamli abangathathi ntweni.

Abantu abadala nabo bahambe ngomoya ophezulu, emva kokuba umasipala esingethe inkqubo yokuthi ndlela-ntle ukuya kwi-Golden Games, nebezibanjelwe eMargate kwEyoMsintsi. Siyazingca ukuba nabantu abadala abasemandleni kwisiThili sethu. Kwinyanga ye-Dementia (EyoMsintsi), umphathiswa wesebe lophuhliso loluntu, uNksz. N. Khoza, usingathe inkqubo yengxoxo nabantu abadala eNdwebu, nalapho kunikezelwe ngezipho kunye neenkonzo zezempilo kubantu abadala. Umasipala uyazingca ngokuba yinxalenye yezinkqubo, nanjengoko ziphuhlisa abantu abadala, zikwakhuthaza nempilo entle.

Kwimibhiyozo yeThusong Week yonyaka, uMasipala wesiThili iHarry Gwala, ukhokhelwe ngusekela sodolophu Nosisa Jojozi, ngokubambisana nomasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye namasebe ohlukeneyo karhulumente, bazise iinkonzo kuluntu ngomahamba ngendlwana oquka iinkonzo ezininzi, kwisikhululo seeTaxi eBulwer. Ukunikezelwa ngokusesikweni kwefama iNtuso eBulwer kubuyisele ithemba kushishino lwezolimo. Usodolophu Nxumalo kunye nesebe lezolimo, banikezele ngefama eziHektari ezingama2 500. Njenge nxalenye yemibhiyozo yenyanga yezamagugu, abaphathi nabasebenzi bomasipala iHarry Gwala babambe imisitho emibini ukubhiyozela indyebo yamasiko ohlukeneyo esizwe sethu. Oku kuhambisana nendela eyohlukileyo esungulwe ngumasipala yolawulo olukhethekileyo.

Ukuqala inyanga YeDwarha yezothutho, usodolophu Nxumalo unikezele ngezithuthi ezilishumi nambini, ezisegameni lika masipala, ngeenjongo zokunceda icandelo leenkonzo zamanzi, nezivuselele umdla kakhulu kubasebenzi beli candelo. Njenge nxalenye yokuvuselela umdla kubasebenzi, intlanganiso yabasebenzi boomasipala yoMzantsi Afrika (SAMWU), isingathe itumente yezemidlalo eJefry Zungu Sports Field, apho bonke oomasipala bethabathe inxaxheba.



**UNKS NONTUTHUKO NGUBANE**
UMXHUMANISI WOMPHAKATHI NOMASIPALA (PRO)

**UMNU LINDOKUHLE CHILIZA**
USEKELA MLAWULI: UMCWANGCISI KWEZONXIBELELWANO KWISITHILI (GCIS)

AMAZWI ESIKHOKELO KA-SODOLOPHU

# Masikhuseleke sonke ngelixa nangaphambili

NDIYABULISA kwakhona kubantu bethu bonke kwisiThili iHarry Gwala. Ndiyazingca ukuninika ingxelo ngomsebenzi kamasipala nangeminye imiba ephathelene nawo.

**Iprojekthi iKempdale Dam**

Ngenxa yeeMbizo zocwangciso zophuhliso lwentlanganisela kunye nezinye iingxoxo zikasodolophu, ndingu sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, ndinyanzelekile ukuba ndityelele uluntu oluhlukeneyo kwisiThili ukuyonika ingxelo eyiyo kwimiba eyoyamene nemisebenzi yesiThili, kuquka imiceli mngeni, izicwangciso kunye nempumelelo yethu.


Ndinqwenela ukusebenzisa eli qonga ukunika ingxelo ngenkqubo yeprojekthi yeKempdale Dam. U Masipala wesiThili iHarry Gwala uphakamise ukwengezwa kweKempdale Dam. Kuzakonyuswa udonga lwedama elikhoyo, ukusuka kwiimitha ezine ukuya kwiimitha ezisibhozo, kwaye eli dama lizakunyuswa ngeehektari ezingamashumi amabini anethoba, ukuze libe ziihektari ezingamashumi amane anambini. Umthamo weli dama uzakonyuka ukusuka ku 215 055m3 ukunya ku2 140 000m3 wamanzi. Eli dama lizakuhlinzeka ngamanzi kwidolophu yaseKokstad.

Ngethuba kubanjwe Imbizo eKokstad ndiziphikisile izikhalazo ezithi, ukusilela kokuqalisa kweprojekthi yokunyuswa kodonga lweKempdale Dam kungenxa yokohluleka nokungakathali kwesiThili. Ndiqinisekise abantu baseKokstad ukuba umasipala usendleleni yokufezekisa isicwangciso seminyaka elikhulu sokugcina amanzi.

Umceli mngeni ebesijongene nawo kukuchonga unokhontilakhi onolwazi ozakwenza leprojekthi. Oonokhontilakhi bamenywe izihlandlo ezintathu ukufaka izicelo zokwenza le projekthi ngokwezidingo ezibhalwe kuxhwebhu lwesicelo. Kodwa xa sijonga umsebenzi ozakwenziwa kunye nezicelo ezifakiweyo, abaphathi bethu bafikelele kwisigqibo sokuba oonokhontilakhi abafake izicelo kufuneka bawazi ubunzima bale projekthi.

Kuza kubonakalisa ukungabi nankathalo xa sinokuqesha unokhontilakhi kuba sifanele ukwenza kanjalo, kuthi ekuhambeni kwexesha ohluleke ukuwugqiba umsebenzi.

Ndithanda ukutsho ukuba iprojekthi isaqhubeka kwaye asizuliyeka icebo lethu lokwenziwa kwayo.



**USodolophu waseHarry Gwala uCeba uZ.D Nxumalo**

**Indlala koomasipala naselizweni lethu ingamandla, kwaye abona bantu abachaphazeleka kakhulu ngabo abahlala ezilalini nakwiidolophana ezincinci, konke oku kuchaza umasipala wesiThili sethu.**

**Ubhaliso lwezibonelelo**

Ngokoxanduva lophuhliso, ulawulo lwasemakhaya lukhathazekile ngengxaki yendlala. Ngenxa

yamandla nemisebenzi kumacandelo karhulumente, ezinye zeenkonzo ezibalulekileyo zabantu abahlelelekileyo zingaphantsi kolawulo olusondele kakhulu ebantwini, nekululawulo lwasemakhaya, ngakumbi amanzi nogutyulo lwelindle. Ummba wokuba amanzi nogutyulo lwelindle akuzizo kuphela ezixhasa umasipala ngemali, ngokomthetho zenzelwe abantu abakwazi ukuzihlawulela, ugxininisa ukubaluleka kokuvisisisa ubudlelwane phakathi kwendlala nolawulo lwasemakhaya, ngokusungula ubhaliso lwezibonelelo kuluntu lwethu oluhlelelekileyo.

Oku, kunye nokuwa kwezoqoqosho, oluphenjelelwa yimiba yehlabathi, kunyanzelisa ukuba silulawulo lwasemakhaya, sikhuthaze iinkqubo ezifana nale kuluntu lwethu, nanjengoko sisazi kakuhle konke okwenzeka kubo.

Indlala koomasipala naselizweni lethu ingamandla, kwaye abona bantu abachaphazeleka kakhulu ngabo abahlala ezilalini nakwiidolophana ezincinci, konke oku kuchaza umasipala wesiThili sethu.

Ndingusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, ndibongoza kuluntu oluhlala kule ngengqi, kwabo abanelungelo lokufumana inkxaso yezibonelelo ukuba babhalise kwisiThili ukuze bafumane amanzi simahla, ukunqanda ukuba bahlawuliswe amanzi kodwa benelungelo lokuwafumana simahla.

Amakhaya anelungelo lale nkqubo ngamakhaya afumana iR4 200 ikhaya ngalinye.

**Itarhu**

Ibhunga loMasipala wesiThili iHarry Gwala lithabathe isigqibo setarhu kumatyala amanzi kwisithuba esinga ngeenyanga ezintandathu. Kubalulekile ukuqaphela ukuba itarhu lizakuxhomekeka kwixesha elibekiweyo lokuhlawula ityala kwikhaya ngalinye. Ngako ke kucacile ukuba izakohluka imali ezakuhlawulwa kwikhaya ngalinye.

Abanikazi bemizi kunye nabaxhamli balinikiwe eli thuba letarhu, ukubonakalisa ubulungiswa besiThili, ukuba abaxhamli bazimisele ukuhlawula amatyala abo ngokupheleleyo, ukuze nathi sikwazi ukuhlangabezana nezidingo zabo. Esi sigqibo sithatyathwe emva kwezicelo ezinintsi ezisuka kubaxhamli zetarhu, emva kophononongo lwale nkqubo lulawulo lwethu, emva koko libhunga. Bonke abaxhamli abatyala umasipala bayakhuthazwa ukuba bathabathe eli thuba letarhu.

**Ukuba asenzanga kakuhle kufuneka sijonge imiceli mngeni, kwaye sifumane isisombululo saloo miceli mngeni ngokuzimisela, nanjengoko abantu bethu bengazukwazi ukuqhubeka nokulinda ukuhanjiswa kweenkonzo esifanele ukuzisa kubo.**




**Ohloniphekileyo usodolophu uceba Z. D. Nxumalo emele uMasipala wesiThili iHarry Gwala kwintlanganiso yeSalga**

**Ixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka**

Xa ndigqibezela, ndinqwenelela wonke umntu kwisiThili, kuquka iinkokheli zoomasipala basekuhlaleni kwingingqi yethu, ukukhangela kumnyaka wama2023. U Socrates, ongumbhali omkhulu weGrike, wathetha kwenye yemibhalo yakhe ebizwa "Uxolo" eyapapashwa ngo399BC, ngokubaluleka kokuzikhangela ukuze ufumane injongo ebomini. Oku ukwenze ngokubuza, nangoku hlola iingcinga zomntu, izenzo kunye neenkolelo, nalapho ethe, ukuba siyazihlola sizakuzi visisisa nzulu, kwaye sikwazi ukuzama ukuziphuhlisa nolonwabo.

Esi sicatshulwa sisikhumbuza ukuba xa sikhangela ubomi bethu, iinkolelo kunye neenjongo zethu, kubalulekile kuphuhliso lwethu. Kummba wolawulo lwasemakhaya, elona sebe lika rhulumente elisondele kakhulu ebantwini, ndithi koosodolophu, ooceba, abaphathi kunye noogxa bethu kubo bonke oomasipala ngaphantsi kwesiThili, ukuba bazikhangele kwiintliziyo zabo, xa bejonga emva kwizinto esele sizenzile ukuba senze ngokwaneleyo kuluntu lwethu na, uba kunjalo, sizibuze, kwaye siziphendule, ukuba zeziphi izinto esinokuqhubeka sizenze. Ukuba asenzanga kakuhle kufuneka sijonge imiceli mngeni, kwaye sifumane isisombululo saloo miceli mngeni ngokuzimisela, nanjengoko abantu bethu bengazukwazi ukuqhubeka nokulinda ukuhanjiswa kweenkonzo esifanele ukuzisa kubo.

Xa ndizakuvala, ndinqwenelela wonke umntu iKrisimesi emyoli nonyaka omhle wama2024. Sanga singakhuseleka sonke kweli xesha nangaphambili. Ndiyabulela!

AMAZWI KAMENEJA KAMASIPALA

# Ndinqwenela ukugqithisa umbulelo kubo bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala ngenkxaso yabo nokuzinikezela kwabo



**uMnu uGamakulu Ma-Art Sineke**
uMphathi kaMasipala

NDIYAVUYA ukudibana nani kwakhona kolu shicilelo, apho sixoxa ngemiba yokuhanjiswa kweenkonzo. Kwingxoxo yethu egqithileyo besithetha ngolawulo olulungileyo, ukusebenza kunye nokunyaniseka, nezingumqolo wokuhanjiswa kweenkonzo kwilizwe elikhululekileyo. Sikwathethe, ngomnqeno wethu ukuba ngumasipala ophumeleleyo. Kolu shicilelo, sizakugxila kulawulo lwangaphakathi sitshintshe abalawuli, nanjengoko bengababhexeshi bomasipala ophumeleleyo.

Sele kuphele unyaka ndiyinxalenye yalo masipala. Izicwangciso ezininzi sele ziqhubeka ngelixa ezinye ziseza kuqaliswa. Omnye wemiba etshisa ubunzi lulawulo lwangaphakathi. Uphicotho zincwadi lwangaphakathi yenye yeendlela zokuqinisa ulawulo lwangaphakathi. U Section 165(1) weMunicipal Finance Management Act, (Act No. 56 of 2003) ugunyazisa ukuba umasipala ngamnye abe necandelo lophicotho zincwadi, elizakwenza izicwangciso zophicotho kunye nenkqubo yophicotho yonyaka. Umsebenzi wecandelo lwangaphakathi lophicotho kukunika iingcebiso kwi-Accounting Officer yomasipala, nokunika ingxelo kwikomiti yophicotho ngemiba yolawulo lwangaphakathi nolawulo oluyingozi, nezinye izinto.

Ngokwe nkqubo yolawulo, icandelo lethu lophicotho lwangaphakathi lunika ingxelo kwi-ofisi yam. Oku kwenziwa ukuqinisekisa ukuba wonke amacebo olawulo abekwe iliso elibukhali. Uphicotho lwangaphakathi ludlala indima enkulu yokuxhasa icandelo lezezimali, ukuqinisekisa ukuba umphichothi zincwadi jikelele wenza umsebenzi wakhe kakuhle nangexesha elibekiweyo. Njengangoku, u-AG uqhuba uphicotho zincwadi kulo masipala, kwaye umasipala uhambisana nomthetho ngokukhupha lonke ulwazi olufunekayo.


Ukufika kwam apha kunyaka ophelile, mna nabalawuli sixoxe ngotshintsho ekufanele lwenziwe ukukhulisa ingeniso yezezimali kumasipala. Kwasemandulo abantu bebehleli bengalufuni utshintsho olwenziwa ngababphathi, ngenxa yezinto ezininzi ezohlukeneyo eziquka imiba yangaphakathi neyangaphandle.

Iinzame zoqoqosho ezisunguliweyo zibonakalisa iziphumo ezintle ngokolawulo lwezezimali. Kwezinye iinguqu ezenziweyo, bonke oomanejala bavumelekile ukuba yinxalenye yeentlanganiso zethu, kuquka oomanejala bangaphandle. Oku kuqinisekisa ukuba izigqibo zethu zenziwa ngolwazi. Kungoku sixoxa nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ngommba wokufaka iBiometrics System, nezakulawula ukuphangela kwabasebenzi. Oku kuzakunceda abasebenzi ukulawula umthwalo womsebenzi wabo. Inkqubo yolawulo lokusebenza lomsebenzi ngamnye (IPMS), yenye yotshintsho olufakwayo ngeenjongo yokukhuthaza ukusebenza ngamandla kubasebenzi. Singu masipala siyanibongoza ukuba olu tshintsho nilwamkele ngoba lukhuthaza ukukhula nophuhliso kuMasipala wesiThili, oluzaku khokhelela kuphuculo lokuhanjiswa kweenkonzo kuluntu lwethu, ngakumbi amanzi nogutyulo lwelindle.

Xa ndigqibezela, ndithanda ukwenza umbulelo kubo bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala, ngenkxaso yabo kumsebenzi wethu ukusukela ekuqaleni konyaka. Ndininqwenelela iKrisimesi emyoli nonyaka omtsha oyokozela ngamathamsanqa.

Ndiyabulela!

## ABAPHATHI ABAKHULU



**UMNU UKHULANI MTHEMBENI BRIAN MZIMELA**
Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali



**UNKSZN UNTOMBIFUTHI NOMVUSELELO FORTUNATE BUTHELEZI**
Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso



**UMNU UNKULULEKO BIYASE**
Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela



**UNKK UTHOBILE THELMA THIYANE-MAGAQA**
Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi



**UMNU ULINDUMUSA GWALA**
Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi



# Umthetho ugunyazisa isiThili ukuhlinzeka ngamanzi akwizinga elihle

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala (HGDM), njengo lawulo lweenkonzo zamanzi (WSA), unoxanduva lokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kubo bonke abantu abahlala ngaphantsi kwawo, ngokweMunicipal Structures Act (Act No. 117 of 1998). Olu xanduva lwesigunyaziso lwenziwa sisisThili, silandela amalungelo omntu wonke wokufumana ukutya okwaneleyo namanzi, kunye nelungelo labo lokusingqongileyo okukhuselekileyo kwiimpilo zabo, ngokubhalwe kumqulu wamalungelo oMzantsi Afrika (Act No. 108 of 1996). Lo mthetho ugunyazisa isiThili ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo angazubeka amalungelo oluntu lwendawo yaso esichengeni.

Njengo lawulo lweenkonzo zamanzi i-HGDM inoxanduva lokuqwalasela nokunika ingxelo ngezinga lamanzi nenkcitho yamanzi awanikwa uluntu. I-HGDM inesivumelwano no-Umngeni Water, njengabahloli bamanzi abagunyazisiweyo, ukuncedisa ngokuqaphela amanzi nenkcitho yamanzi ngokuhlola amanzi iqhathanisa ne-SANS 241 Standards. I-HGDM ikwane qumrhu elithatha amanzi kwiindawo ezichongiweyo, ukuze liwase ku-Umngeni Water ukuyohlolwa. Alikhulu nesixhenxe amaziko aqwalaselweyo ngumasipala, nalapho kuthathwa khona amanzi ayohlolwa. La maziko alikhulu nesixhenxe ayahlolwa rhoqo ngenyanga, ukuqinisekisa ukuba uluntu lwe-HGDM lufumana amanzi acocekileyo, nokuqinisekisa ukuba ukungcola okugqithiselwa kokusingqongileyo kukwizinga le-DWS.

Ngokwezinga lamanzi, angamashumi asixhenxe nesibini amaziko ahlolwayo rhoqo ngenyanga. La manzi ahlolwa izinga lawo kuqhathaniswa ne-SANS 241-1:2015, yezinga lamanzi aselwayo.

Ngokwezinga lenkcitho yamanzi, angamashumi amathathu nantlanu amaziko ahlolwayo rhoqo ngenyanga. Amanzi angcolileyo aqokelelwayo ayahlolwa ngokwezinga lamanzi angcolileyo, ngokomthetho wecandelo lamanzi nogutyulo lwelindle, izinga lamanzi angcolile kwizityalo >2 ML/d, umthetho jikelele wezityalo <2ML/d.




## Umyalezo wemibhiyozo yokuphela konyaka esuka kOhloniphekileyo usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo

# *Ndininqwelela ukhuseleko nolonwabo kwelixesha lolonwabo*

Ndithanda ukuveza izimvo ezimbalwa ezibalulekileyo xa sizilungiselela ukuvala unyaka, kwaye sichithe ixesha neentsapho zethu kwelixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka.

Kooceba abayinxalenye yebhunga, nekungabo abathabatha izigqibo ezibalulekileyo koomasipala nakwiikomiti zonke zebhunga, ndithanda ukunincoma nokunikhuthaza kwindima eniyidlalileyo ukuqwalasela umsebenzi wolawulo kwiikomiti ezohlukeneyo. Uxanduva lwethu lokuqwalasela umsebenzi lubalulekile kuthi njengabatyunjwa abalawulayo.

Oku kubonakala kwiintlanganiso zethu zebhunga ngokommiselo, nazo zonke ikomiti ukuze kuxoxwe ngenkqubo kusungulo lwezidingo zoluntu, nokubona imiceli mngeni kwanoku fumana iindlela zokulungisa apho kukhona isidingo.



Ndithanda ukuncoma abaphathi bomasipala wethu, abakhokhelwa nguMphathi Masipala uMnu. Gamakhulu Ma-Art Sineke. Ukusebenza ngokuzinikezela kukhokhelela kwiinkonzo kwabaphethweyo, kwanoku fezekiswa kwezidingo zoluntu. Kunetha, kubalele, abaphathi bethu baya zimisela ukunceda ntsuku zonke, okubalulekileyo, bancedisa kakhulu kwimiba ehambelana nomsebenzi woxanduva lwethu njengesiThili.

Ndinqwenela ukubongoza abaphathi ukuba baqhubeke nokuhambisa iinkonzo kuluntu lwesiThili sethu. Ulawulo olusulungekileyo lubalulekile kwaye kufuneka siqhubeke nokukhusela isithunzi sethu njengesiThili.

Xa sisondela kwixesha lemibhiyozo yokuphela konyaka, ndinqwenela bonke abasebenzi bethu, ulawulo, ooceba kunye noluntu ukuba bakhuseleke ngeli xesha. Masizonwabise sibe nomda. Masikhuseleke ngalo lonke ixesha ezindleleni. Ixesha lale mibhiyozo lekokudibana, sivuseleleke kwaye siphumle. Sifuna ukungena sonke kunyaka omtsha siphilile kwaye sisempilweni. Khuselekani, niqaphele kwaye nizikhusele.

Iinkonzo zethu ezibalulekileyo zizakube zisebenza ngeli xesha. Ooceba bethu nabo bazakufumaneka, kodwa bazakufumaneka kuluntu oluthile.

Ndingalibalanga ukuba, kuyo yonke imiceli mngeni esijongene nayo kulo nyaka, ukuphumelela iRugby World Cup yama2023 kweSPRINGBOKS, sisikukhumbizo zokuba sinamandla xa simanyene.

***Oku, kukuni nqwenelela nonke iKrismesi emyoli nonyaka wama2024 oyokozela ngamathamsanqa.***

***Wanga uThixo wethu angaba nani, iintsapho zenu kunye nezalamani zenu.***

***Ndiyabulela!***



**Ikhutswe licandelo zezonxibelelwano loMasipala wesiThili iHarry Gwala**




**Usodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Z. D. Nxumalo kunye nosodolophu womasipala Ubuhlebezwe uceba E. B. Ngubo eSangcwaba Primary School benikezela nge-uniform kubafundi**

# Usodolophu wesiThili iHarry Gwala unikezela nge-uniform kwizikolo zasezilalini

INKQUBO enjongo zayo ikukukhuthaza abafundi ezilalini ukuba bahloniphe imfundo kwaye bakunyevulele ukuphuma phakathi esikolweni, iyaqhubeka ukukhula kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Oku kuza emva kokuba usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, Ohloniphekileyo uCeba Zamo Nxumalo, eqale inkqubo yokutyelela izikolo zasezilalini nalapho enikezela ngee-uniform zezikolo kubantwana abadingayo.

Ngaphezu kokukhuthaza abafundi kwizikolo zasezilalini ukuhlala ezikolweni, ukuze baziphucule bona kunye namakhaya abo, le nkqubo iyabakhuthaza ukuba babe namaphupho amakhulu ngekamva labo.

Kutshanje, uceba Nxumalo uthabathe le nkqubo wayisa kwizikolo ezohlukeneyo ngaphantsi kwabo bonke oomasipala basekuhlaleni ngaphantsi kwesiThili: uBuhlebezwe, iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uMzimkhulu kunye neGreater Kokstad.

Imali yomnikelo ekuthengwa ngayo i-uniform ilinganiselwa kwiR100 000. Isikolo ngasinye esityelelweyo koomasipala abohlukeneyo basekuhlaleni sifumene ii-uniform ezingange R25 000.

Kule projekthi usodolophu Nxumalo ebephelekwe ngusomashishini osuka kwiMasiqhame Trading 22 uMeshack Ndongeni, waseKokstad. Ebephelekwe nangusodolophu womasipala uBuhlebezwe, uceba Bathobile Ngubo, kunye nosomlomo womasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma uceba Sfiso Phoswa.

Usodolophu Nxumalo uthe kubalulekile ukuba izikolo zasezilalini zifumane inkxaso ebalulekileyo















**Bekuluvuyo lodwa ngethuba usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo etyelele izikolo enikezela nge-uniform, zizikolo ezine ezixhamlileyo. Le nkqubo yenziwe ngokubambisana nosomashishini wasekuhlaleni weMasiqhame Trading 22, uMnu. Meshack Ndongeni.**

kwanoku khuthaza abafundi ukuba bagqibe izifundo zabo. "Kubalulekile kuthi singu rhulumente ukuba izikolo zasezilalini zifumane inkxaso ebalulekile nenkuthazo ebayidingayo," kutsho uceba Nxumalo.

"Sifuna ukubona oosodolophu nabaphathiswa abaphuma kwezi zikolo zasezilalini. Sibone kubalulekile ukuba sityelele oomasipala bethu basekuhlaleni bobane, sikhethe izikolo ezidinga inkxaso nge-uniform. Sifuna abafundi bethu bazi ukuba siyabaxhasa ukuze bafunde kwaye kufuneka baqhubeke beze esikolweni ukuze bafezekise amaphupho abo," kutsho uNxumalo.

"Lo rhulumente ukhathazekile ngempilo yabafundi bethu, kungoko sithathe isigqibo sokuba size ezikolweni ngoku, singalindi EyoMqungu," utshilo usodolophu Nxumalo. U Ndongeni, nongumlimi, uthe, wakhula nzima nanjengoko utata wakhe wasweleka eneminyaka esixhenxe kuphela, kungoko efuna ukukhuthaza abafundi ukuba bafunde ukuze amaphupha apho afezeke.

"Ndiye ndachukumiseka, ndabona kubalulekile ukuba ndidlale indima, xa ndisiva usodolophu Nxumalo ethetha ngomnqweno wakhe wokutyelela izikolo azixhase ngee-uniform. Ndiye ndachukumiseka nanjengoko nam ndashiywa ngutata wam ndiselula ndaze ndakhula nzima, kodwa ndiye ndafunda, namhlanje ndingumlimi. Ndinqwenela ukuba nani nifunde," kutsho uNdongeni.

Usihlalo wequmrhu elilawula isikolo kwisikolo samabanga aphantsi iSangcwaba, uMnu. Bhekelakhe Ndlovu, ubulele usodolophu wesiThili kunye noNdongeni ngomnikelo wabo kule nkqubo.

"Ndinemincili, kwaye siyayi vuyela into esiyenzelwe ngusodolophu noNdongeni, ingathi liphupho ukuba izikolo ezifana nezethu ezisezilalini zifumana ii-uniform. Kwilixa eligqithile sasisiya esikolweni singanxibanga zihlangu, sasihamba umgama omde, kodwa siye sahlala ezikolweni. Ngoku abantwana bethu bafumana ithuba lobomi, ii-uniform simahla. Oku kuzisa ithemba kubantwana bethu lokuba urhulumente ubakathalele, bona kunye namaphupho abo," kuqukumbela usihlalo we-SGB.



Umphathiswa wezophuhliso loluntu KwaZulu-Natal uNkskz. Nonhlanhla Khoza utyelele uluntu lwaseNdwebu ku ward 14, kwinkqubo yokulumkisa ngesifo i-Alzheimer.

# UMphathiswa Khoza umemelela isiphelo sokutyholwa kwabantu abadala ngobugqwirha

UMPHATHISWA wesebe lophuhliso loluntu KwaZulu-Natal, uNonhlanhla Khoza, umemelele izenzo eziluqima zokuphelisa ukuxhatshazwa okuqhelekileyo kwabantu abadala betyholwa ngobugqwirha.

Eveza ukukhathazeka kwakhe ngezehlo zakutshanje, apho abantu abadala bebengamaxhoba okutyholwa ngobugqwirha, umphathiswa ugxininise isidingo sokupheliswa kokutyholwa kwabantu ngokukhawuleza.

Ethetha ngalommba kwiholo yoluntu iNdwebu kwa ward 14, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, kwisiThili iHarry Gwala, umphathiswa Khoza uthe inkolelo yobugqwirha ihlukanise iintsapho.

Utyelelo kuluntu lwaseNdwebu bekuyinxalenye yenkqubo eqhubayo yokulumkisa ngesifo i-Alzheimer, nalapho umphathiswa Khoza ebencediswa ngusekela sodolophu womasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, uceba Zinhle Miya, uceba Sibongiseni Mdunge, ongusomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala, kunye neenkokheli zemveli.

Isebe lophuhliso loluntu liqhube izilumkiso ngezifo i-Alzheimer ne-Dementia kwiphondo lonke, ngokoyamene neWorld Alzheimer Month kunye neWorld Alzheimer Day, nezikhunjulwa ngenyanga YoMsintsi. Injongo yale misitho kukulwa nomceli mngeni wehlazo elihambisana ne-Alzheimer ne-Dementia, ngaxeshanye, kugxininiswa ukubaluleka kokubona iimpawu nokunqanda i-Dementia. Umphathiswa Khoza ugxininise ukuba kwiindawo zasezilalini, abantu abadala bayaxhatshazwa ngenxa yezityholo zobugqwirha.

“Sikhethe indawo yaseNdwebu ukuze sixoxe nabantu abadala bakwaDlamini nabakwaMsomi, emva kokulunywa indlebe nguceba wale ndawo ngemiceli mngeni abajongene nayo. Kubalulekile ukusebenzisana neenkokheli zemveli noluntu





**Iinkokheli zomthonyama kunye nolawulo lwesiThili iHarry Gwala bebeyinxalenye yenkqubo yesifo i-Alzheimer eNdwebu. Abantu bebeze ngobunintsi babo. Abantu abadala nabo bafumene izipho kulo msitho**




ukuxoxa ngale miba ejongene nabantu bethu abadala," kuchaza umphathiswa. Uqhubeke wathi, ezi zityholo nokuxhatshazwa azehlisi isidima kuphela, koko azikho semthethweni. Kwiindawo zethu ezityebe ngobuhle bendalo, abantu abadala babaluleke kakhulu nanjengoko benolwazi olunzulu ngemvelaphi yethu nokuhlakanipha. Izityholo zobugqwirha ezisuka kwiinkolelo azibeki kuphela ubomi nempilo yabo esichengeni, koko zigqiba iingwevu neengwevukazi zethu,"utshilo umphathiswa ngaphambi kokuba abongoze uluntu ukuba lumanyane kwaye luphelise ukuxhatshazwa kwabantu abadala.

"Simemelela bonke abantu ukuba bayeke ukuxhaphaza abantu abadala nanjengoko benyhasha amalungelo abo. Kubalulekile ukuba simanyane, sikhusele iingwevu zethu kwaye sikhuthaze isiko lentlonipho, inkathalo nothando. Ukulwa nalommba kufuneka silwe neengcambu, ezisuka kwimiba yasekuhlaleni, uqoqosho kunye namasiko," utshilo umphathiswa.

Ngethuba lotyelelo lwakhe, umphathiswa ubhiyoze nabathathu abagqibe iminyaka elikhulu, uMariah Nhlangulela, Ntombile Masango kunye noNtombi Ngubo. Unike ezi ngwevukazi izipho ezohlukeneyo, kuquka iivoucher zokutya. Abanye abantu abadala abaqikelelwa kumashumi amahlanu bafumene i-Social Relief of Distress (SRD), ezilinganiselwa kuR1 378 umntu ngamnye. Isebe lophuhliso loluntu lizimisele ukumanyana neenkokheli zoluntu, amaqumrhu oluntu kunye nabomthetho ukwenza isilumkiso ngamalungelo nesidima sabantu abadala, kwanokunika inkxaso noluleko ngokwengqondo kumaxhoba.







**Ifama iNtuso inikezelwe ngokusesikweni kubanikazi bayo kulo msitho obubanjelwe kwindawo iDr. Nkosazana-Dlamini Zuma.**

UMPHATHISWA waKwaZulu-Natal wesebe lezolimo nophuhliso lwamakhaya, Ohloniphekileyo uSuper Zuma, ubongoze amanina kunye nolutsha ukuba bazibandakanye kwezolimo, egxininisa ukuba sikhona isidingo sokuba badlale indima ebalulekileyo ukuguqula ezolimo.

Umphathiswa Zuma ukutsho oku ngethuba kunikezelwa ngokusesikweni ngefama iNtuso, nekuyifama eziHekthari ezingama 2 500m engaphandle kweBulwer, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Umphathiswa ebephelekwe ngusodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, usodolophu weDr. NDZ uceba Sindisiwe Msomi, iinkokheli zikarhulumente ezisuka kumasebe ohlukeneyo, abaphathi kunye nabalawuli abasuka kula masebe nakoomasipala. Umphathiswa Zuma uthe, amanina amaninzi kufanele azibandakanye kwezolimo. “Singu rhulumente siyazingca ngomsebenzi omhle nempumelelo esiyibona kwiphondo lonke xa sityelele iiprojekthi eziphethwe ngamafama angamanina. Ndifuna ukuqinisekisa onke amafama angamanina aselula ukuba, sizimisele ukuwaguqula ukuba ngamafama asakhasayo kube ngamafama aphumeleleyo,” kutsho uZuma. Ukwathe, ulutsha luqeqeshiwe kwaye lunolwazi ngeendlela eziphucukileyo zezolimo, nanjengoko kubalulekile ukuba ulutsha olunolwazi lubandakanywe kwezolimo ukuze lukhulise imveliso yezolimo.

“Ndibone ukuzinikizela okukhulu okubonakaliswe ngamafama angamanina, kungoko sisungule iindlela zokwazisa la mafama kwintengiso ezenza imali eyongezelelweyo nakwintengiso zamazwe aphesheya,” kutsho umphathiswa Zuma. Umphathiswa uqhube wancoma ifama iNtuso ngokungena kwiintengiso eziphezulu, nanjengoko sele bethengisela iivenkile ezifana noPick ‘n Pay, Spar nezinye iivenkile ezinkulu. “Ndimemelela onke amanina ukuba aqhubekele phambili nezenzo zobugorha ezenziwa ngamaqhawekazi ethu, afana noLillian Ngoyi, Winnie Madikizela-Mandela, namanye amaninzi. Ukuze silwe nendlala, ubandlululo kunye nentswela ngqesho kweli phondo, amanina kunye nolutsha kufanele bazibandakanye kwezoshishino ezihlangabezana nezidingo ezibalulekileyo,” kuchaza umphathiswa Zuma.

Kwintetho yakhe yokwamkela, usodolophu Nxumalo uthe, urhulumente ufuna ukubona amanina amanintsi kwezolimo, kwaye bengumasipala bayaqhubeka nokuxhasa amashishini abasetyhini. “Igatya lethu lophuhliso laseHarry Gwala (HGDA), belisingethe ucweyo lwezoshishino kwiintsuku ezimbalwa ezigqithile, nalapho amashishini abasetyhini efumene inkxaso ebalulekileyo yemali, sifuna ukuqhubeka nokuxhasa amashishini amanintsi abasetyhini. Oku kufanele kukhuthaze abanye ukuqala amashishini,” kutsho usodolophu Nxumalo.

# INGXELO YENKQUBO YEPROJEKTHI

## GREATER MNQUMENI WATER SUPPLY SCHEME - ISIGABA 5

# UKUPHUCULWA KWE GREATER MNQUMENI WATER TREATMENT WORKS

**INOMBOLO YESIVUMELWANO: HGDM769/HGDM/2021** **UHLOBO LWESIBONELELO: MIG**

| | | | |
|---|---|---|---|
| **Indawo** | **Ulungelelaniso** | Lat | S 30° 27' 21.18" |
| | | Long | E 30° 00' 40.48" |
| | **uMasipala weNgingqi** | uMzimkhulu LM | |
| | **Iwadi** | 12, 13, 14 & 16 | |

**ABABONI BENKONZO**

| | |
|---|---|
| **Iinjineli** | ECA Consulting Engineers |
| **ISD** | HGDM Internal |
| **Ikontrakta** | Aqua Plan SA |

| **ABAXHELEKILEYO** | |
|---|---|
| **Abemi** | 33 456 |
| **Inani labaxhamli** | 5576 Households |
| **2014 abaxhamli** | 5576 HH |

| **IZIMALI ZESIVUMELWANO (onke amanani aquka i-VAT)** | |
|---|---|
| **Ixabiso leMbasa yeKhontrakthi** | R 49 494 949.49 |
| **Ipesenti yexabiso leMisebenzi egqityiweyo (ibandakanya ukugcinwa)** | 78% |

**UKUSEBENZA KWEPROJEKTHI:**

Umsebenzi ngaphantsi kwesi sivumelwano uzakwenziwa ngaphantsi kwesivumelwano esinye, imigwaqo, ukusebenza kunye nombane. Unokhontilakhi omkhulu kuzakuba ngowemigwaqo kunye/okanye nowemisebenzi, aze aqeshe unokhontilakhi wakhe oncedisayo wemigwaqo kunye/okanye owemisebenzi kunye nombane.

Umsebenzi ngaphantsi kwesi sizumelwano uzakuquka, ukuzotywa ngokupheleleyo, ukwenziwa kwemiqulu yolwakhiwo kunye nokuthengwa kwezixhobo zokusebenza, oomatshini, ezombane nolawulo, ezokukala, iintambo kunye nazo zonke izixhobo ezibalulekileyo kwindawo nganye, abasebenzi, izixhobo, oogandaganda, abaphathi, izithuthi, amanzi, umoya, amandla ombane kunye nazo zonke izidingo zokwakha ezibalulekileyo ukuze kugqitywe umsebenzi. Konke okudingekayo ukuze kugqitywe umsebenzi ngexesha elibekiweyo, ngokwe sivumelwano somqeshi.

Amanzi angacocwanga azakutsalwa kumfula i-Ibisi, afakwe kwitanki eligcina amanzi angacocwanga kwiziko lokucoca elidala. Eli ziko elitsha lizakufumana amanzi kwiziko elidala. Amanzi okugqibela acociweyo azakugcinwa kwitanki eligcina amanzi.

Eli ziko elicoca amanzi lizakuba ngaphakathi kwesakhiwo. Eli ziko lizakuba noku okulandelayo:

- Ukufakwa kwamanzi angacocwanga ukusuka kwitanki lamanzi angacocwanga ukuya kwi flocculator / flocculation basin
- Ukufakwa kwee chemicals zokucoca, kuquka ichlorine, coagulants kunye ne flocculants/ flocculant aids.
- Lime Stabilisation
- Amatanki okukala izicoci
- Ukuxutywa kwechemicals namanzi angacocwanga
- Ukuxuba kancinci / flocculation kwiflocculation basin/channel/coiled pipe okanye baffled inlet ezikhethekileyo ukuya kwi clarifier
- Ukucocwa kwamanzi kwizicoci zezinga eliphezulu
- Ukugcinwa kwamanzi acociweyo kwidama elibonakalisayo
- Ukuphehlwa kwamanzi acocekileyo kwipressure filters
- Ukuhluzwa kwamanzi ngesanti kwipressure filters
- Ukugcinwa kwamanzi ahluziweyo kwidama elibonakalisayo
- Backwashing facilities for the pressure filters including air scouring
- Ukubulawa kweentsolongwane kumanzi acociweyo nakwizixhobo zokukala
- Ukuphelwa kwamanzi okugqibela kumadama agcina amanzi
- Ukucocwa kwamanzi ashiyekileyo angacocekanga (sludge, backwashing and rinsing water);

Amanzi okugqibela acociweyo azakukhutshwa iintsholongwane ngeChlorine gas, asuswe kumadama agcina amanzi acociweyo asikwe kumatanki amadala agcina amanzi, ukuze ahanjiswe kuluntu.

Umsebenzi kweli ziko lokuphehla uquka:

- Ukuphuculwa komthamo kwizitishi eziphehla amanzi, kuquka ukuphuculwa apho kunesidingo.

## IMICELI MNGENI

LePojekthi iye yamiswa ngo 10 May 2023, ngenxa yokusingqongileyo, unokhontilakhi uwulungisile umonakalo ngokwesicwangciso sokulungisa. Umsebenzi uqale nge 3 July 2023.

## UKUSILELA NOKWANDISWA KWEXESHA

Ixesha lokuma ngenxa yokumiswa komsebenzi lifakwe nge 15 December 2023

## UQEQESHO NEZAKHONO EZIFUMANEKAYO

Uqeqesho luzakugqitywa ngaphantsi kweprojekthi kusetyenziswa imali yesibonelelo kwisivumelwano. Uqeqesho luquka ukuqeshwa kwetechnicians ezikuqeqesho kunye noqeqesho olusemthethweni lwabasebenzi basekuhlaleni.

## INGXELO JIKELELE

Isiqinisekiso sesiza satyikitywa nge 26 October 2022

**Injqubo:**

IProjekthi imisiwe ngenxa yokungavumelani nokusingqongileyo. Unokhontilakhi uyilungisile le miba. Umsebenzi uzakuqalisa nge 3 July 2023

**Izixhobo esingekafiki zezi:**

1) Sandfilter skids
2) Pump skids

## Iingxaki zichongiwe:

**Imiceli mngeni:**

- Ngenxa yokusilela kuka nokhontilakhi ukuqalilsa inkqubo yokutyunjwa konokhontilakhi oncedisayo, umsebenzi weeganda ganda usemva.
- Iimvula



**Imisebenzi yoLuntu - Ukulungiselela iqonga lokucoca isanti.**



**I-Tank Slab Plinths iyaqhubeka.**



**Izicacisi, i-Cougulation kunye ne-flocculation tank, i-Backwashers, itanki yokugcina amanzi acocekileyo, ukulungiswa kweqonga lokucoca isanti kunye negumbi lokwakha iklorine.**

# HIGHFLATS WATER SUPPLY SCHEME

## 1. UMSEBENZI

Ngaphantsi kwesi sivumelwano, unokhontilakhi wokhe iHighflats Water Supply Scheme kwaye umsebenzi ume ngolu hlobo:

- Ukwakhiwa kwe 2050m - 90mm Ø uPVC class 20 raising main.
- Ukwakhiwa kwe 1 267,20m - 75mm Ø HDPE pipe, reticulation line.
- Ukwakhiwa kwendlu ephehla amanzi nezixhobo ze-borehole.
- Ufakelo lwe150KL 10m itanki eliphakanyisiweyo lamanzi nazo zonke izixhobo neevaluva.
- Ukudibana kweendlela x 2, ngokwembiwa.
- Oompompi boluntu -10.
- Amavaluva acocekileyo – 2.
- Amavaluva omoya – 3.
- Ukufakelwa komzila kunye namaphawu eevaluva – 40.

## 2. INDAWO YEPROJEKTHI

Le projekthi ingaphantsi kuka ward 13, kumasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe, ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.




## 3. IINKCUKACHA ZESIVUMELWANO:

| | |
|---|---|
| Inombolo Yesivumelwano: | HGDM 746/ HGDM/2021 |
| Unokhontilakhi: | Makize Plumbing and Projects |
| Ixabiso Lesivumelwano: | R 8 044 554,48 |
| Umhla Wokuqala Umsebenzi: | 13 June 2022 |
| Umhla Wokugqiba: | 17 March 2023 |

## 4. ABAXHAMLI

Le Projekthi izakunceda uluntu lwaseHighflats lonke, okungamakhaya angama562.

## 5. AMATHUBA EMISEBENZI

Amathuba emisebenzi adalwe yile projekthi ame ngolu hlobo:

- Imisebenzi yethutyana - 12

## 6. IMIFANEKISO YESIZA

### 6.1. Indlu ephehla amanzi




### 6.2. 150kl itanki eliphakanyisiweyo lokugcina amanzi



### 6.3. Oompompi boluntu




# NCAKUBANE WATER SUPPLY SCHEME

Le projekthi ingaphantsi kuka ward 01 ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe. Le projekthi iquka ukwakhiwa komzila wemibhobho engu 1.8km, ukwakhiwa kwendlu yomsebenzi, ukwakhiwa kwendlu encedisa ukuphehla kunye nokuphuculwa eNcakubane Water Treatment Works. Le projekthi inikezwe iTower City Trading kwaye ixabiso layo yiR8 972 162.00.

I-WTW iyasebenza, kufakwe nendawo yenqwelo yokukha amanzi kumsebenzi wokunceda uluntu ngokukhawuleza. Indawo yenqwelo yokukha amanzi sele igqityiwe, yahlolwa kwaye nomsebenzi wokugqibela uyaqhubeka. Iprojekthi yonke sele izakugqitywa.

Kuzakuxhamla amakaya angama2 504.



**Abstraction PS – igqityiwe kwaye iyasebenza.**



**Indawo yokuhlukanisa amanzi: Clarifier, Settled Water Tank, kunye neFlocculation Tank – ziyasebenza.**



**Booster PS – kugqityeselwa umsebenzi.**



**Iivaluva ezigqityiweyo kwimizila yemibhobho yeRM2.**



**Itanki elidala eligcina amanzi angacocwanga. Ukungangeneleli kwamanzi kuzakwenziwa ngunokhontilakhi oncedisayo oyingcali.**



**Indawo yenqwelo yokukha amanzi egqityiweyo kwaye iyasebenza – final snagging underway.**



**Ulwakhiwo oludala lweMahehle command reservoir inlet chamber. Kuzakufakelwa uphahla lwe-slab, izixhobo kunye nemizila yemibhobho.**

# KHUKHULELA WATER SUPPLY SCHEME

Le projekthi ingaphantsi kuka ward 05 ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma. Le projekthi inezivumelwano ezintathu kwaye ezimbini zazo sele zizakugqitywa. Unokhontilakhi osesizeni ngalo mzuzu nguSihlahlasiya' Hluma Construction, nozakwakha itanki lokugcina amanzi eliyi 1ML.

Le projekthi iquka ukwakhiwa kwetanki lokugcina amanzi elingama 500KL, Izixhobo ezicoca nokuhambisa amanzi kwilali iMpumulwane, ukwakhiwa kwe4.6km rising main, 90-160mm diameter ductile iron / UPVC umzila wemibhobho, ukwenziwa nezixhobo ze-boreholes. Le projekthi inikezwe iMsalela Transport kwaye ixabisa R27 492 878,76, iMakize's Plumbing and Projects yona ixabisa R7 547 081,08 kunye neSihlahlasiya' Hluma Construction ngexabiso eliziR19 123 915,51.

Le projekthi izakuncedisa kwiilali iMpumulwane, Dazini, Mnwaneni kunye neGxalingenwa. Le projekthi izakunceda amakhaya angama2 984.



**Ukwakhiwa kwendlu yoonogada kwisikhululo samanzi eKhukhulela**



**Ukukhonkwa eKhukhulela Water Scheme**




**Ukuhlolwa kokugqibela kwitanki lamanzi elingama500kl eKhukhulela Water Scheme.**



**Izixhobo ezifakelweyo namatanki agcina amanzi.**



**Oompompi boluntu abagqityiweyo kwilali iMpumulwane.**



**Indlu yoonogada egqityiweyo kwisiza.**







**Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo ubambe ingxoxo noluntu ngemiba yokuhanjiswa kweenkonzo kudliwano ndlebe eGagasi FM kutshanje.**

# Usodolophu weHarry Gwala, uceba Nxumalo kwiGagasi FM njengenxalenye yokukhuthaza ukunyaniseka

NJENGEXALENYE yokuqinisekisa ukubandakanywa koluntu nokunyaniseka, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba Z. D. Nxumalo, uqhubeka nokusebenzisa iqonga leendaba lasekuhlaleni nelephondo ukwazisa uluntu kwisiThili, ngenkqubo yophuhliso lwezakhiwo ngokoyamene neeprojekthi zamanzi nogutyulo lwelindle.

Oku kungqinwa ludliwano ndlebe lakutshanje eliqhutywe nguye (uceba Nxumalo) nesikhululo saKwaZulu-Natal, iGagasi FM kwinkqubo yange njikalanga ethi Indaba no-Alex Mthiyane.

Le nkqubo ibivuleleke kuwo wonke umntu, apho abamameli bebevumelekile ukuba batsale iminxeba babuze imibuzo ebalulekile, bebuza nokuba yintoni na eyoyamene neenkqubo zokuhanjiswa kweenkonzo, nalapho abanye abamameli bebeveza izikhalazo apho kukhona isidingo.

Usodolophu uceba Nxumalo uyiphendulile yonke imibuzo, waze wabhala phantsi iziphakamiso zabamameli, ngenjongo yokulandela eminye imiba yokuhanjiswa kweenkonzo, ethembisa ukubuyela kwisikhululo sosasazo ukuzonika abamameli ingxelo.

Uceba Nxumalo uthe oku ebengakwenzi kuba efuna udumo, koko bekubalulekile ukuxoxa noluntu ukuze afumane iingcebiso ngemiba ethile efuna uhoyo olukhawulezileyo.

"Ngaphandle koko, ukunyaniseka kuyinxalenye yomthetho, apho kufanele sixoxe kwaye sinike ingxelo kuluntu. Sikhokhela ngoko esibenzela kona, nezinto ezingahambi kakuhle kwezinye iiprojekthi ezisilelayo," kutsho uceba Nxumalo.

Usodolophu ubonakalise umoya ophantsi nokuzithoba ngexesha kuqhutywa udliwano ndlebe. Kwingxelo yakhe, ugxininise ukuba amanzi nogutyulo lwelindle luxanduva lwabo olungundoqo beyiHarry Gwala. Uqhube wathi, nanjengoko unyaka-mali wama2024/2025 sele uqalile, umasipala uqinisekisa ukulandela zonke iiprojekthi zamanzi nogutyulo lwelindle.

Usodolophu unike ingxelo emoyeni yokuba, ngentseni yale mini unikezele ngokusesikweni ngezithuthi ezilishumi nambini xa kuqalwa inyanga yezothutho. "Siyazingca singumasipala ukwazisa ukuba ezi moto ezongeziweyo zizakunceda icandelo lezamanzi nogutyulo lwelindle, ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili. Kusivuyisa kakhulu nokuba sihlukene nokuqasha iimoto, nokuchitha kakhulu imali, nanjengoko zonke ezi moto zisegameni lomasipala," utshilo usodolophu Nxumalo.

Usodolophu wenze umbulelo kwigqiza leGagasi ngokumamnkela ngezandla ezishushu, ngakumbi umbexeshi wenkqubo uMnu. Alex Mthiyane, nabanye abenze utyelelo lwakhe lwaba yimpumelelo.

# Utyelelo lwezicwangciso zophuhliso zentlanganyela (IDP)











**Umasipala wesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala basekuhlaleni abane, Ubuhlebezwe, Umzimkhulu, Greater Kokstad kunye neDr. Nkosazana Dlamini-Zuma batyelele iindawo kwisiThili, apho bekuxoxwa ngokuhanjiswa kweenkonzo, nalapho bekumanyelwe iinkxalabo zoluntu.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala uthe thaca icebo notyelelo lwentlanganisela yophuhliso (IDP) yama2023/2024 kunye ne-Spatial Development Framework (IDP/SDF) neenkokheli zomthonyama, nebibanjelwe kwigumbi lebhunga kwi-ofisi enkulu e-Ixopo.

Le nkqubo igxile kwiinkokheli zomthonyama ngenjongo yokunika ulwazi ngengxelo ebalulekileyo ngokuhanjiswa kweenkonzo kwiindawo zazo.

Usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala, uceba S. Mdunge, efunda i-IDP kamasipala uthe, bekubalulekile ukuba Amakhosi kunye neeNduna zaziswe ngezicwangciso zikamasipala ezenzelwe uluntu lwazo.

Amakhosi akhuthazwe ukuba axelele uluntu xa kukhona iimbizo zokuhanjiswa kweenkonzo, baluphuhlise kwaye balukhuthaze ukuba luyobhalisela uvoto, nanjengoko oku kuhambisana nohlalo lwabiwo mali.

Usodolophu womasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe uceba E. B. Ngubo, uveze ucwangciso le-IDP lomasipala wakhe, ngethuba usekela sodolophu weDr. Nkosazana Dlamini-Zuma Local Municipality, uceba K. Hadebe ezeke mzekweni. Esenza inthetho kule ntlanganiso, Amakhosi enze umbulelo ngobudlelwane abanawo nesiThili iHarry Gwala kunye noomasipala basekuhlaleni. Amakhosi enze isicelo sokuba anikwe ingxelo epheleleyo ngeenkqubo zasekuhlaleni, ukuze babe nolwazi ngaphambi kokuba kwenziwe nantoni na.

Utyelelo lwe-IDP sele luqalile kwaye lizakuqhubeka kunde kube sekupheleni kwEyeDwarha 2023.













**Utyelelo locwangciso lophuhliso lwentlanganisela (IDP) belubanjwe kwisiThili ukusukela kwEyoMsintsi ukuya ekupheleni kwEyeDwarha.**

## Ukucaciswa kwe-IDP

Ngokwecandelo 4 leMunicipal System Act No. 32 wama2000, isahluko 16 ugunyazisa oomasipala ukuba babandakanye uluntu. Isahlukwana 1 sithi "umasipala makenze isiko lolawulo lomasipala oluhambisana nolawulo olusemthethweni lokuzibandakanya, kungoko lufanele (a) ukukhuthaza, udale amathuba okuba uluntu lubandakanywe kwimiba yomasipala."

I-IDP luxwebhu lweminyaka emihlanu lukamasipala oluphononongwa rhoqo ngonyaka. Naluphi na uphuhliso oluzakwenziwa ngumasipala kufanele lubhalwe ngokupheleleyo kwi-IDP.

Kungoko kungekho phuhliso oluzakwenziwa naphi na kumasipala, ngaphandle kokuba lukhona kwi-IDP, kwaye luyaziwa luluntu jikelele. Ngako ke, kukhona iziphakamiso ezininzi zokuhanjiswa kweenkonzo ezoyamene nokuphononongwa kwanoku phunyelelisiwa kwe-IDP.

Yiyo loonto uMasipala wesiThili iHarry Gwala ubambe utyelelo lwawo lwe-IDP kwinyanga YeDwarha – EyeNkanga 2023, ukuyomamela izimvo zabahlali ngezidingo zabo kwezophuhliso. Ezi zidingo zithe zaphononongwa leli candelo, lisebenzisana namasebe ezamanzi nogutyulo lwelindle.

Njengolawulo lweenkonzo zamanzi, nomhlinzeki weenkonzo zamanzi, iziphakamiso zimayelana neenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kuphela.

Umasipala uyavuma ukuba ngenene ezinye iilali azinawo amanzi acocekileyo, waze wathembisa ukukhawulezisa iinkonzo kuluntu oluzidingayo. Ezinye iilali zifumana amanzi ematankini, ngelixa ezinye zikha kwimithombo engakhuselekanga.

# UMasipala wesiThili iHarry Gwala usingatha Imbizo karhulumente wanikezela ngezindlu kuluntu lwaseKromhoek



**Uluntu lwaseKromhoek lunikezelwe izindlu kwImbizo yoluntu ebibanjelwe kule ndawo. Oosekela baphathiswa, umphathiswa kunye noosolodophu bebezimase lo msitho.**

UMASIPALA wesiThili iHarry Gwala, ukhokhelwa ngohloniphekileyo usodolophu, uceba Zamo Nxumalo, ngokubambisana nesebe lezokuhlaliswa koluntu, likhokhelwe ngumphathiswa walo, ohloniphekileyo uSipho Nkosi, usingathe ngempumelelo Imbizo yokunika ingxelo kwilali iKromhoek kwa ward 20 ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu.

Injongo engundoqo yale ngxelo kwImbizo, ibikukunikezela ngokusesikweni ngezindlu ezigqityiweyo ezingamashumi amathandathu zethutyana ze-Operation Sukuma Sakhe, kwiintsapho ebezifudula ziphila kwizindlu zodaka ezingakhuselekanga.

Lo msitho ubuzinyaswe bubukho babahlawuli beenkonzo zikamasipala abaninzi, kuquka ikomishoni ezimeleyo yokhetho yoMzantsi Afrika (IEC), iSouth African Women in Construction (SAWIC), isebe lezempilo, isebe lemicimbi yasemakhaya kunye nesebe lezolimo nophuhliso lwasemakhaya.

Kulo msitho bekukhona nabaphathi abakhulu bakarhulumente kwiphondo, kuquka umphathiswa wesebe lophuhliso loluntu, uNonhlanhla Khoza, usekela mphathiswa wezokuhlaliswa koluntu, uPamela Tshwete, usekela mphathiswa wezimbiwa namandla, uDr. Nobuhle Nkabane, usekela mphathiswa wamanzi nogutyulo lwelindle uJudith Tshabalala, usekela mphathiswa wezonxibelelwano nobuxhakaxhaka uPinky Kekana, usodolophu waseMzimkhulu uJabulile Msiya kunye neenkokheli zomthonyama.

Bebenemincili abantu baseKromhoek ngethuba befumana izindlu zabo, xa urhulumente ebezise iinkonzo kubo kwaye ephucula ubomi boluntu.

Inkqubo iqale ngokunikezelwa ngokusesikweni kwezindlu ezimbalwa kwezingamashumi amathandathu, nezizakunikwa abaxhamli abachongiweyo, zizikhulu zikarhulumente ngentseni, kuquka uNkszn. Nomakhwezi Mjwara ohlala namalungu asibhozo osapho lwakhe kwindlu yodaka enamagumbi amabini neronti.

UMjwara uthe: “Ndiyabulela kwisikhokhelo ngento ezindenzele yona, mna nosapho lwam, ngoba le ndlu izakwenza umohluko omkhulu kubomi bethu, nanjengoko bendingasoze ndikwazi ukwakhela usapho lwam indlu entle ngoba akukho mntu osebenzayo,”

Injongo yalo msitho ibikukuqinisekisa abantu abavotele urhulumente olawulayo nokuqhubeka ukuthobela umthetho wokuqala kumqulu wethu wenkululeko.








**Usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo kwintlanganiso yenkcitho yenkxaso-mali kamasipala, ethetha ngokubaluleka ngokucwangcisa ngethuba ukuqinisekisa bonke oomasipala ukuba bafikelela kwimimiselo yabo, nokugqitywa kweeprojekthi kwangethuba.**

# Izicwangciso eziphambili zenkcitho zenkxaso-mali kamasipala

USODOLOPHU woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, ubongoze oomasipala basekuhlaleni abangaphantsi kwesiThili ukuba bakhuthale bafake izicelo zenkcitho zenkxaso-mali njenge nxalenye yezicwangciso eziphambili.

Usapho loomasipala libambe iingxoxo zengxelo yenkxaso-mali, nalapho oomasipala beze nengxelo yesimo senkxaso yezakhiwo kamasipala (MIG), iinkxaso ze-INEP, EPWP kunye ne-WSIG kunye nenkcitho.

Le ntlanganiso, ebibanjelwe kumagumbi ebhunga kutshanje, kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe e-Ixopo. “Le ntlanganiso akufanelanga kube yeyenkcitho ye-MIG kuphela, koko kufanele kube yeyokwabelana ngolwazi. Okuhle okwenziwa ngomnye umasipala wasekuhlaleni makuvezwe, ukuze nabanye oomasipala bazeke mzekweni kwingingqi yethu. Masibe nokhuphiswano oluphilileyo phakathi kwethu ukuze siphumelele, sigqithise nakwimimiselo yethu. Kufanele sigxile kwicebo eliphambili. Xa kufika ixesha lokuqala konyaka mali, kufanele sibe nezicwangciso ze-MIG ukuze sifikelele ku100% wenkcitho yenkxaso-mali nezinye izinto,” kutsho usodolophu Nxumalo.

Ephawula ngezi ntlanganiso, umphathi womasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad, uMnu. Sipho Zwane, uvumelene nosodolophu, esithi eli qonga libalulekile ukwabelana ngolwazi.

“Ndiyakuncoma sihlalo (sodolophu Nxumalo) kunye negqiza lakho, ngokucebisa ukuba sibe nale ntlanganiso, ngoba asixoxi ngommba we-MIG kuphela koko sabelana nangemibono elungileyo yokusebenza. Igqiza lethu lityelele uMzimkhulu ukuyofunda banzi ukuyova ukuba ulwa kanjani nomceli mngeni wemingxuma emigaqweni, sifunde lukhulu kubo,” kutsho uZwane.

Intlanganiso ibizimaswe ngoosodolophu, owaseBuhlebezwe, Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma kunye nomasipala uMzimkhulu, ngethuba umasipala iGreater Kokstad ubumelwe ngumphathi walo masipala kunye negqiza lakhe. Abaphathi abaselungelweni kubo bonke oomasipala nabo bebe yinxalenye yale ntlanganiso, kuquka abaphathi boomasipala, abalawuli, abaphathi kwezezimali kunye nabaphathi abongameleyo. IsiThili besizibamba ezi ntlanganiso zokuxoxa ngenkqubo ye-MIG nenkcitho-mali ngaphambili, laze ke ngoku lamema nosapho loomasipala basekuhlaleni kule ngingqi.











**Bekulusuku olumnandi ngelixa usodolophu wesiThili uceba Z. D. Nxumalo enikezela ngezithuthi ezintsha kraca ezilishumi nambini ezizakuncedisa kuhanjiso lweenkonzo.**

# UMasipala wesiThili iHarry Gwala wamnkela izithuthi ezintsha ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo

XA siqala inyanga yezothutho, esiyibhiyozela ngenyanga YeDwarha kwilizwe lethu, usodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, uqhubeke nomsebenzi wakhe wokuhambisa iinkozo ngokuthenga izithuthi ezilishumi nambini ukwengeza kwizithuthi zesiThili, kwilinge lakhe lokuhambisa iinkonzo kule ngingqi.

Usodolophu Nxumalo uthenge izithuthi ezilandelayo: 5 x Isuzu Single Cabs 4x2, 4 x Nissan Navara Double Cabs (4x2), 1 x Toyota Quantum, 1 x Nissan Navara Single Cab 4x4, 1 x Suzuki Sedan.

Amalungiselelo okuthenga ezi zithuthi ebefakiwe kwizicwangciso zohlahlo lwabiwo mali lwama2022/23, nalapho umasipala uthembise ngokuthenga iimoto ukuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo eluntwini.

Unikezelo beluzinyaswe ngumphathi womasipala u-G. M. Sineke, umlawuli wezemisebenzi uNkskz. T. T. Magaqa kunye nabalawuli bamanye amacandelo abazakusebenzisa ezi zithuthi.

Ukuthengwa kwezi zithuthi kuzakunceda kwezo qoqosho kumasipala nakuluntu, nanjengoko bengasayi kuphinde baqeshe iimoto, ngoba zonke ezi moto zibhaliswe ngegama likamasipala.

Ngethuba ehlola ukuba yonke imithetho yokhuseleko ilandelwe, usodolophu Nxumalo ucacise ngokubaluleka ngokusetyenziswa kakuhle kwezithuthi. Ukwathe ezimoto ezintsha zizakunceda kakhulu kwicandelo lamanzi nogutyulo lwelindle, ekungu msebenzi wethu ongundoqo.

Umasipala ukholelwa ukuba oku kuzakunceda ngakumbi ukwengeza ingeniso yemali edingekayo.

**Umphathiswa wezemfundo KwaZulu-Natal, uNkszn. Mbali Frazer, evula ngokusesikweni isikolo esiphucukile iXoloxolo Primary School eKokstad, ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala. Eli ziko lokufundela, elitye isebe lezemfundo iR56 million, linamagumbi angama25. Umphathiswa ebehamba nosekela sodolophu wesiThili uceba N. T. Jojozi, usomlomo wesiThili uceba Mdunge, usodolophu womasipala iGreater Kosktad uceba Madikizela, usekela sodolophu we-GKM uceba Walker, AmaKhosi asixhenxe aphuma kwindlu yamaKhosi kunye nomcebisi okhethekileyo kamongameli, nowayesakuba ngumphathiswa uJomo Sibiya.**

# UMphathiswa Frazer uvule ngokusesikweni i Xoloxolo Primary School ephucukileyo

UMPHATHISWA wezemfundo KwaZulu-Natal uNkszn. Mbali Frazer, uvule ngokusesikweni iXoloxolo Primary School ephucukileyo eKokstad, ngaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala kutshanje.

Yimali elinganiselwa kwiR56 million echithwe kulwakhiwo lwesi sikolo esiphucukileyo, nesiyintlantsi yethemba kubafundi baseKokstad nesiThili sonke saseHarry Gwala, kutsho umphathiswa Frazer.

Uthe isikolo samabanga aphantsi iXoloxolo ngomnye wemizekelo yesebe lezemfundo KwaZulu-Natal, lokuqinisekisa ukunikezela ngendawo ekhuselekileyo yokufundisela nokufundela.

Ukwakhiwa kweXoloxolo kuqale ngenyanga YeSilimela 2019 kwaze kwagqitywa kwEyoMnga 2021. Le projekthi iye yalibaziseka ngenxa yeCovid-19, kodwa unokhontilakhi uye wayiphumelela imiceli mngeni ejongene nalo bhubhane waqhubeka neprojekthi.

Le projekthi inike abahlali abangama138 ithuba lomsebenzi, kwaye noonokhontilakhi abakhasayo basekuhlaleni baxhamlile. “Sikhuthaza ukuqeshwa kwabahlali bendawo ngalo lonke ixesha kufike iiprojekthi zekhontilakhi kwiindawo zabo, nanjengoko oku kulicebo likarhulumente lokuhlangabezana nomceli mngeni wendlala, ubandlululo kunye nentswela ngqesho,” kutsho umphathiswa Frazer.

Isikolo samabanga aphantsi esitsha esiphucukileyo iXoloxolo siquka:

- Admin block
- 25 amagumbi okufundela
- 5 amagumbi kaGrade R
- Garden Store
- Indlu yoonogada
- Ikhitshi lokuphekela lesikolo
- 6 amagumbi angasese amantombazana
- 6 amagumbi angasese amakhwenkwe
- Amagumbi angasese ootitshala
- Igumbi langasese labakhubazekileyo
- Igadi

Izixhobo zobuxhakaxhaka bale mihla obufakwe eXoloxolo:

- A Smart Interactive Screen,
- Ultra-short throw projector,
- 28 Normal Digital classroom projectors,
- 29 Non-reflective Whiteboards,
- A chargeable laptop trolley,
- 40 learner laptops, 25 teacher laptops,
- A content server,
- A router with data sim card and 11 Access points.

Bonke ootitshala baseXoloxolo Primary bafundiswe ukuzebenzisa izixhobo ze-ICT ezifumaneka esikolweni. Esenza intetho yakhe, umphathiswa Frazer ubongoze uluntu lwaseKokstad ukuba lukhusele iXoloxolo kooNqevu, nakweminye imizamo yokuphazamisa ukufundisa nokufunda kwesi sikolo.

Kulo msitho umphathiswa ebehamba nosekela sodolophu woMasipala wesiThili iHarry Gwala uNosisa Jojozi, usomlomo wesiThili uMnu. Mdunge, usodolophu weGreater Kokstad uceba Madikizela, usekela sodolophu weGreater Kokstad uceba Walker, Amakhosi asuka kwindlu yAmakhosi kunye nomcebisi okhethekileyo kamongameli uJomo Sibiya. U Sibiya uthe, esi sikolo sikhethekile kuye kwaye sisentliziyweni yakhe, nanjengoko kusisikolo sokuqala aye wasityelela ukuqala kwakhe umsebenzi njengomphathiswa wemisebenzi yoluntu e KZN ngexesha lakhe.

# Izehlo zeemvula ezimandla neendudumo

**UMHLA WESEHLO: 16 – 17 EYEDWARHA 2023**

IMVULA ezina ngamandla kunye neendudumo bekulindeleke ukuba ziqale ngoMvulo 16 kwEyeDwarha kude kube ngoLwesibini kwEyeDwarha 2023, kwiindawo ezingaphantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Ngomhla we15 kwEyeDwarha 2023 izanuse zezulu zeloMzantsi Afrika (SAWS), zakhupha ingxelo yezilumkiso zeemvula ezina ngamandla. Kulandela izilumkiso zeendudumo, uMasipala wesiThili iHarry Gwala waqala i-JOC eyabeka uMvulo 16 kwEyeDwarha ngentsimbi yethoba. Injongo ye-JOC ibikukulungiselela umasipala ngaso nasiphi na isehlo esingenzeka, ukukhusela uluntu kule mozulu embi, nanjengoko izakubeka ubomi balo engozini, ikhokhelele naku khukhuliseko lweendlela neebhulorho. Bekhukhona noomasipala basekuhlaleni kunye nabahlawuli beenkonzo zikaMasipala. Ngaphezu koko, bonke bebelungele nantoni na kwaye benawo namacebo.

Ngoko mthetho weDisaster Management Act, 56 of 2002, uMasipala wesiThili iHarry Gwala ugunyaziswa ukuxhaza, ukhokhele oomasipala basekuhlaleni ngexesha lentlekele okanye loloyiko lwentlekele, ngaphezu koko, isiThili kufuneka sidibanise abanye abantu abazaku sebenzisa izixhobo zabo nokunceda ulawulo lwentlekele. U Masipala wesiThili iHarry Gwala usengozini yokwehlelwa zizehlo zentlekele ezenziwe ngabantu kunye nezendalo, ezifana nomoya omandla, iimvula ezimandla, iindudumo nemibane, imililo yezindlu neyamadlelo, kunye nokuntywila.

Umasipala wesiThili iHarry Gwala uqhubeka nokufumana isilumkiso esikhawulezileyo kwizanuse zezulu zeloMzantsi Afrika (SAWS), ngokubambisana neziko lolawulo lweentlekele lephondo. Ezi zilumkiso ezikhawulezileyo zabelwa abasebenzi beziko lolawulo lwezentlekele, ooceba, amakomiti eewadi, iiDCW, iinkokheli zomthonyama kunye nabo bonke abasabela iintlekele, ukuze baqhubeka noxanduva lwabo, kuquka amaziko ezentlekele koomasipala besekuhlaleni, ooceba beewadi, amakomiti eewadi, kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu (CDW's).

### UBUHLEBEZWE LOCAL MUNICIPALITY

Umasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe: kuwe izindlu ezintlanu (5) zodaka eCabazi ward 1, Ndwebu ward 11 nase ward 14. Ukutsha kwendlu enye (1) KwaBhidla ward 10. Akukho ngxelo yokulimala, ukungxwelerheka okanye ukulahleka kwabantu eyenziweyo. Amakhaya amahlanu (5) anikwe izixhobo ezikhawulezileyo zohlangulo (iishiti zeplastiki, oomatrasi kunye neengubo), bafumene iindawo zokufihla iintloko kwizalamane. Izixhobo zohlangulo zoluntu zikhona: Iishiti zeplastiki (52), iingubo (400) kunye noomatrasi (203). Iqela lolawulo lwezentlekele lime ngobume: Abancedisi abangahlawulwa (14) kunye nabasebenzi bolawulo lwezentlekele (3). Xa kukhona isidingo sokuthuthwa kwabantu ukusuka kumakhaya abo ukuya kwiiholo ezikufutshane zoluntu, kukhona ibhasi enezihlalo ezili 15 kunye neeDouble Cab ezimbini eziza kubahambisa, kunye neeholo zoluntu ezingama44.

### DR NDZ LOCAL MUNICIPALITY

Umasipala waseGqirha Nkosazana Dlamini Zuma awukafumani ziziganeko zixeliweyo. Kukho uncedo loluntu olukhoyo.

Koomasipala beNgingqi aba-3 akukho zingxelo zentlekele. Abanye abachaphazelekayo abazange baxele nayiphi na intlekele ngeli xesha.



**Umlilo wesakhiwo eBuhlebezwe kwaward 10, KwaBhidla ngomhla we-17 kweyeDwarha ngo2023.**



**Ukudilika kwezakhiwo eUbuhlebezwe, kwaWadi 11 eNdwebu ngomhla we-17 kweyeDwarha ka-2023 okubangelwe kukuna kwemvula enamandla kunye nomoya onamandla.**

## INKQUBO YETARHU

UMasipala wesiThili iHarry Gwala uqale inkqubo yetarhu ukusukela kwEyeNkanga 2023 ukunya kwEyeSilimela 2024.

**ABAKWILUNGELO LOKUXHAMLA**
Abathengi abakwilungelo lokuxhamla kwinkqubo yetarhu ngabo ngabatyala iintsuku ezingama90 nangaphezulu, abanqwenela ukuxhamla kule nkqubo.

Itarhu lizakuqhutywa ngendlela elandelayo:

1. Amatyala apho kuhlawulwe khona u50% wetyala lonke kwisithuba seentsuku ezingama30 emva kokutyikitywa kwephetshana lesicelo setarhu, kuzakucikwa u50% wetyala elishiyekileyo.
2. Amatyala apho kuhlawulwe khona u50% wetyala lonke kwisithuba seentsuku ezingama60 emva kokutyikitywa kwephetshana lesicelo setarhu, kuzakucikwa u40% wetyala elishiyekileyo.
3. Amatyala apho kuhlawulwe khona u50% wetyala lonke kwisithuba seentsuku ezingama90 emva kokutyikitywa kwephetshana lesicelo setarhu, kuzakucikwa u30% wetyala elishiyekileyo.
4. Amatyala apho kuhlawulwe khona u50% wetyala lonke kwisithuba seentsuku ezingama120 emva kokutyikitywa kwephetshana lesicelo setarhu, kuzakucikwa u20% wetyala elishiyekileyo.
5. Amatyala apho kuhlawulwe khona u50% wetyala lonke kwisithuba seentsuku ezingama150 emva kokutyikitywa kwephetshana lesicelo setarhu, kuzakucikwa u10% wetyala elishiyekileyo.
6. Le nkqubo yetarhu ayifumaneki kooCeba bakamasipala, amasebe karhulumente kunye namaqumrhu angaphantsi korhulumente.

**Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana nomasipala: 039 834 8700**








**Usekela sodolophu wesiThili uceba N. T. Jojozi, ekhuthaza abasebenzi bakarhulumente ukuba baqinisekise ukuba benza umsebenzi wabo kakuhle, kwimibhiyozo yeenkonzo zoluntu ebibanjelwe eBulwer.**

# Inyanga Yeenkonzo Zoluntu neVeki Yeenkonzo zeThusong Zonyaka kwisiThili iHarry Gwala

NJENGE nxalenye yenyanga yeenkonzo zoluntu yama2023, u-GCIS, ebambisene noMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, amasebe karhulumente kunye namaqumrhu abucala, benze inkqubo yeenkonzo ezingumahamba nendlwana ngeveki yeenkonzo zeThusong zonyaka.

Njenje nxalenye yesiqalo sale nkqubo, kuqhutywe ucoco ngomhla weshumi elinethoba kwEyoMsintsi 2023, nalapho bekulungiselelwa inkqubo enkulu. Iinjongo zale nkqubo ibikukukhuthaza uluntu ukuba luthabathe uxanduva lokucoca okusingqongileyo ngokusebenzisana, kwanoku lumkisa uluntu ngeengozi zongcoliseko kwindalo nakuluntu.

Inkqubo yococo iqhutywe ngentshisekelo enkulu, nalapho kuye kwanikezelwa kuluntu ngamaphetshana acacisa ngeenkonzo ezahlukeneyo njenge nxalenye yomsebenzi wenkqubo kamahamba nendlwana wentlanganisela. Le bekuyi nkqubo enkulu yeziko leenkonzo zoluntu eBulwer neqhutywe kusuku olulandelayo. Le nkqubo ibiquka iingxoxo noluntu ngeengozi zongcoliseko, kwaze kwabelanwa ngeencukacha zolwazi zoMasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, nalapho abahlali bebefuna ukuxela ngezenzo zongcoliseko.

Inkqubo enkulu ibanjwe ngomhla wamashumi amabini kwEyoMsintsi 2023 kwilali iBulwer, ngotyelelo lomahamba ngendlwana weenkonzo, nalapho bekukhona amasebe ohlukeneyo ebezise iinkonzo aze abelana noluntu ngolwazi. Le nkqubo iqale ngodlwabevu lolwamkelo ngentseni kwilokishi ekufutshane. Emva koko kufike usekela sodolophu wesiThili uCeba Jojozi, kunye noCeba Bhengu wakwa ward 10, bobabini batyelele iBulwer CSC ukuzonika ingxelo yenkqubo, nalapho usekela sodolophu efumene ithuba lokuxoxa neeNduna eziphuma kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, waze wazibongoza ukuba zikhuthaze uluntu ukuba lusebenzise iinkonzo ezufumaneka kwi-CSC. Emva kwengxoxo neeNduna usekela sodolophu noCeba batyale umthi, osisikhumbizo se-Abor Week, nebanjwa rhoqo ngonyaka kwinyanga YoMsintsi.

Usekela sodolophu noCeba baqhubeke baya kwindawo yotyelelo kude kufuphi nakwiziko, nalapho bekunikezelwa ngeenkonzo. Apha kuye kwafika umlawuli wephondo ka GCIS uNdala Mngadi, bobathathu babambe iingxoxo nabahlawuli beenkonzo zikamasipala kunye noluntu. Ukuqukunjelwa kwenkqubo kuquke inkqubo yengxoxo ngezoqoqosho kubo bonke abahlawuli beenkonzo zikamasipala kwi CSC.

"Siyazingca ngomanyano phakathi kuka GCIS, uMasipala wesiThili iHarry Gwala kunye nomasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ngokudibanisa amasebe kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ukuqinisekisa impumelelo yale nkqubo. Sithanda ukubulela onke amasebe aphumeleleyo ukuba aqhubeke nokumanyana ngolu hlobo, nalapho uluntu lufumana iinkonzo ezohlukeneyo kwindawo enye," kutsho usekela sodolophu Jojozi.

Inkqubo yeenkonzo zeziko iThusong yasungulwa ngo 1999, ukwandisa ukufikeleleka kweenkonzo zikarhulumente ngendlela yobambiswano. Iveki yeenkonzo zeziko iThusong zonyaka yasungulwa kwEyoMsintsi 2014. Le nkqubo ibigqiba iminyaka elithoba kulo nyaka, kwaye ibibonisa amabali ayo empumelelo kwanoku memelela amaqumrhu abucala ukuba axhase le nkqubo. Abathunywa beveki yeThusong yonyaka ngabalawuli bezopoliltiko kwilizwe, kwiphondo nasekuhlaleni.

# Impilo yabasebenzi ngezemidlalo



**Bekudlalwa kumnandi kwiTumente ye-SAMWU.**

KULO nyaka iTumente yentlanganisela yabasebenzi boomasipala yoMzantsi Afrika (SAMWU) nebibanjelwe eJeffrey Zungu Stadium e-Ixoplo kutshanje, izise ulonwabo kwaye inani labathabathe inxaxheba lonyuke kakhulu.

I-SAMWU ayilweli nokukhusela amalungelo abasebenzi emsebenzini kuphela, koko idibanisa abasebenzi ngezemidlalao, ngeenjongo zoku khuthaza impilo entle kubasebenzi. Abathabathi nxaxheba bebesuka koomapsila abohlukeneyo kwisiThili iHarry Gwala, abangaba, uBuhlebezwe, Dr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uMzimkhulu kunye neGreater Kokstad, kuquka abasebenzi besiThili.

Abasebenzi beze ngobunintsi babo bezoku thabatha inxaxheba kwimidlalo elandelayo: ibhola ekhatywayo (eyamadoda kunye neyabasetyhini), ibhola yomnyazi, ukutsalana ngentambo (tug-of-war), ivolleyball, ukugijima kuquka i100m ne relay, neminye imidlalo.

Bekukhona uMphathi Masipala wesiThili uMnu G. M. Sineke, uMphathi Masipala wase-uBuhlebezwe, uMnu. M. E. Mkhize, uMphathi Masipala weDr. NZD uMnu. N. C. Vezi kunye

























nabaphathi abaziintloko bamacandelo ohlukeneyo koomasipala abohlukeneyo. Bekungu msitho ogcwele ulonwabo noshiye abaphathi kunye nabalawulu besemoyeni omhle.

Kwintetho yakhe yolwamnkelo, uMnu. G. M. Sineke ugxininise ukubaluleka kwemisitho efana nale, nanjengoko ikhuthaza ukusebenza kakuhle nokuziphatha kwabasebenzi.

“Olu suku lubalulekile nanjengoko abasebenzi bephuma kwii-ofiso zabo, babonakalise ezinye iitalente zabo ngaphandle kwe-ofisi. Ikwalithuba lokuba sizilolonge sibe sempilweni,” kutsho uMphathi Masipala wesiThili.

I-SAMWU ikholelwa ukuthi, ukuthabatha inxaxheba kwezemidlalo kukhuthaza ukwazana, ukuzethemba, nokwehlisa ingozi yokuphazamiseka kwengqondo, kwaye ezemdilalo zikhuthaza impilo entle ngokulawula indlela esitya ngayo nokuncedisa kwindlela yokulala.

Usekela mongameli wokuqala we-SAMWU uMluleki Mbhele, ukhuthaze abasebenzi ukwenza itumente elandelayo ibenkulu kunene kwaye ibenomdla ngakumbi.

“Indlela elula kakhulu yokukhuthaza impilo entle kwiziko lakho, kukuqhuba ezemidlalo. Lo msitho ngenene uncedise ukwenza indawo yokusebenzela kwaba yindawo engena cinzelelo lwengqondo, nekukhokhelele kubasebenzi abasempilweni. Yanga le midlalo ingakhula ukwedlula owalonyaka. Kunyaka ozayo sizimisele ukuyenza ibe mikhulu, ibe ngcono kubo bonke oomasipala bethu. Emva kwale midlalo, sonke sizakubuyela kwii-ofisi zethu ngomoya wokusebenza ngamandla, ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu oluhlukeneyo loomasipala bethu esilu sebenzelayo,” kutsho uMnu. Mbele.

